# Usuku lokuqala lukaSive lokuya esikolweni

IsiXhosa

Maxwell N Mamathuba



# Usuku lokuqala lukaSive lokuya esikolweni

Ibhalwe nguMaxwell N Mamathuba
Izotywe nguNtibile Zonke



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi



USive uza kuya esikolweni okokuqala ngoMvulo. Uza kufunda kwisikolo iMasakhane Primary apho afunda khona ubhuti wakhe uSethu.

NgeCawa walala emva kwexesha kuba wayechulumancile, evuya kakhulu.

Wafaka ipensile neekhrayoni zakhe ebhegini nangona wayethe ubhuti wakhe akukho mfuneko yokuba aziphathe.

Yayininzi kakhulu into awayeyilindele ngoMvulo.



Wavuka kwakusasa ngoMvulo, uSive. Ngale ntsasa wayevuke ekuseni kakhulu kunezinye iimini.

Emva kokuba ehlambile, wanxiba iyunifom waze wakhawulezisa watya isidlo sakusasa.

Umama wakhe wayebathembise ukuba uza kubasa ngemoto esikolweni ngenxa yokuba yayilusuku lwakhe lokuqala.

Emva kolu suku wayeza kuhamba nobhuti wakhe ngemoto awayeyikhwela nabanye abafundi xa besiya esikolweni.

USive wacinga ukuba uSethu uyabalibazisa ekubeni baqalise uhambo lwabo oluya esikolweni.

Yiyo le nto wavele wamkhwaza, “Khawuleza Sethu, masambe! Andinqweneli ukuba sifike emva kwexesha esikolweni.”



Bakhwela kwimoto kamama wabo basendleleni eya esikolweni.

Endleleni uSive wayencokola ngendlela aza kuzonwabisa ngayo esikolweni.

USethu wamkhumbuza ukuba isikolo aya kuso asifani nenkulisa.

Wamchazela ukuba isikolo sinemithetho ekufuneka ilandelwe. Abantu abayophulayo ke le mithetho bayohlwaywa.

Le nto yamtyhafisa uSive, kodwa umama wakhe wathi, “Ungabinaxhala Sive mntwana wam, uza kuba nabahlobo abatsha.”



Emva kwexeshana besendleleni, bade bafika kwisango lesikolo iMasakhane Primary.

"Sethu, isikolo sakho asikudanga ekhaya!" wakhwaza uSive.

Wabona abantwana abaninzi, abanye babekhatshwe ngoomama babo abanye bekhatshwe ngootata babo.

Kwakukho iimoto ezininzi, iiteksi kunye nebhasi eyayizise abantwana esikolweni.

Abafundi abadala bona babehamba bengamaqela, bencokola kumnandi bevuya.


CERTIFICATE
Name Surname

USethu wabonisa umama wakhe iofisi yenqununu waze waya kungena kuyo ehamba noSive.

Bathi bakufika eofisini, bafika kukho inenekazi elide elihleli kwisitulo esijikelezayo.

Umama kaSive wagqithisa ileta ababeyibhalelwe isithi uSive wamkelwe kweso sikolo.

Yakuba iyifundile ileta inqununu, yacela uSive ukuba asondele iza kumbuza imibuzo.

Waba nexhala uSive njengokuba esiya kwinqununu.

Inqununu yambuza imibuzo embalwa elula efana negama lakhe, abazali bakhe kunye nendawo ahlala kuyo


MASAKHANE
PRIMARY
SCHOOL
PTION

Bathi xa bephuma kwiofisi yenqununu babona uSethu ebalinde ngaphandle.

USethu wakhombisa umama iofisi kamabhalana apho wayeza kuhlawula khona imali yesikolo.

Wakhala uSive xa ehamba umama wakhe efuna ukuhamba naye.

Wamthuthuzela uSethu ze wambonisa neklasi yakhe. USethu wambonisa neyakhe iklasi.


MASAKHANE
PRIMARY
SCHOOL

USive, wabona amakhwenkwe amabini ebefunda nawo enkulisa kunyaka ophelileyo.

Wahlala nawo ze bancokola bencoma isikolo sabo esitsha: indlela esihle ngayo kwanendlela esikhulu ngayo.

Babonelisekile kukuba yinxalenye yesikolo esihle ngolu hlobo.

Bathi besancokola kamnandi, kweza kubo amakhwenkwe amadala amabini.

Ababuza amagama abo ze abuza neendawo abahlala kuzo, baze bawaphendula kakuhle.

La makhwenkwe madala, aqalisa abagezela esithi, “Akukho senkulisa ke apha, ze ningachulumanci kakhulu ke.”



Ngethamsanqa, yakhala intsimbi, wonke umntu wabaleka waya emigceni phambi kweofisi yenqununu.

Ootitshala babonisa abafundi indawo nendlela abafanele kukuma ngayo.

Baqala ngokucula amaculo amabini; kwafundwa iBhayibhile ze kwathandazwa.

Inqununu yamkela abafundi bonke yaze emva koko yenza izaziso.



“Isikolo sethu ke singena ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe yonke imihla, akukho mntu uza kufika emva kwexesha.

Akufunekanga nilahle amaphepha phantsi, ncedani niwafake emigqomeni ukuze ihlale icocekile iyadi yethu.

Xa nihamba kufuneka nihambe kwiindlelana ezilungisiweyo, ninganyatheli iintyatyambo nengca.

Oku kuza kwenza ukuba iintyatyambo nengca zihlale zintle.

Ngexesha lekhefu, kufuneka nidlale kwibala lokudlala kwela cala.


Aa
Bb
Cc
Dd
Ee
Ff
Gg
DAYS OF THE WEEK
Sunday
Monday
Tuesday
Wednesday
Thursday
Friday
Saturday
MONTHS OF THE YEAR
January
February
March
April
May
June
July
August
September
October
November
December

Emva kwendibano yasemigceni, abafundi baya kwiiklasi zabo ezahlukileyo.

Bahamba ngemigca, omnye emva komnye, bengabaleki.

Wathi akufika eklasini yakhe uSive, wafika kungekho namnye umntu amaziyo.

Wakhetha indawo yokuhlala kumqolo wesibini ukusuka ngaphambili waze wakhala.

Inkwenkwe ende yaza kuhlala ecaleni kukaSive yamthuthuzela.


CALENDAR

Utitshalakazi wangena eklasini ephethe iphepha elinoluhlu lwababafundi bonke.

Utitshalakazi wathi kuSive, “Yeka ukukhala mntwana wam, isikolo sesiza kuphuma, andithi?”

USive wanqwala intloko engqinelana notitshala waze wayeka ukukhala.

Akugqiba ukubiza amagama abafundi bonke, wababeka emaqeleni abafundi utitshalakazi.

Utitshalakazi wayelinenekazi elingqwabalala kodwa elinobuntu.

Wayengakuthandi ukusoloko engxolisa abafundi abangxolisele into enye.



Utitshalakazi wabachazela abafundi ukuba baza kukonwabela ukufunda.

Wabaxelela ukuba akabathandi abafundi abathanda ukudlala ngexesha lezifundo.

Wayeza kubafundisa ukubhala nokufunda, kwaye bonke baza kuphumelela.

Wayeza kubafundisa amanani ukuze bakwazi ukubala inani lezinto.

“Kungekudala, niza kukwazi ukubala ukusuka kwisi-1 ukuya kuma-20, ayintlanga na loo nto?”

Abafundi baphendula bathi, “Ewe, intle loo nto!”



Yakhala intsimbi waze utitshalakazi wabaxelela ukuba lixesha lokuphuma bayokutya baphumle.

Baphuma phandle bonke abafundi baze bakugqiba ukutya badlala.

USive wadibana nabahlobo bakhe kwakhona.

Wahamba nabo wabasa kuSiso, inkwenkwe eyayihlala ecaleni kwakhe eklasini.

Le ke yindlela awafumana ngayo umhlobo omtsha, ukususela loo mini zadlala kunye ke izihlobo ezine.



Iphinde yakhala kwakhona intsimbi, baze abantwana babaleka baya kwiiklasi zabo.

Utitshalakazi ubanike iincwadi zemifanekiso yezinto ezahlukileyo.

Uphinde wabanika amaphepha kunye neekhrayoni waze wabacela ukuba bazobe imifanekiso yezinto abazifunayo bayifake imibala.

Emva koko uye wayithatha imifanekiso abayizobileyo ze wayincamathisela edongeni.

Abafundi bazingca kakhulu xa bebona umsebenzi wabo uxhonyiwe.



Yathi yakukhala kwakhona intsimbi, utitshalakazi wachaza ukuba izifundo zigqityiwe kwaye uya kudibana nabafundi ngengomso.

USive wabaleka waya kwiklasi kaSethu wafika wema ngasemnyango.

"Sethu, izifundo zigqityiwe, masigoduke ngoku!" wakhwaza.

Iklasi yaphela yintsini kodwa yena utitshala kaSethu wamcela uSethu ukuba ancede ahoye uSive.

Bathi bakufika ekhaya, ezele yimincili, wachazela abazali bakhe ngomhlobo wakhe omtsha kwaye ebaxelela ukuba akasokuze ayilibale le mini.

Wayesithi uSethu xa emkhumbuza ngendlela alibize ngayo igama lakhe, azame ukumnqanda.

# IMIBULELO KWABA


**Ibhalwe ngu**
Maxwell N Mamathuba

**Izotywe ngu**
Ntibile Zonke

**Umhleli woku-1**
Pandelani Claudine Rambau

**Umhleli wesi-2**
Mukondeleli Constance Ṋembahe

**Umhleli wesi-3**
Ndivhuwo Mulaudzi

**Umhleli**
PixelPing Design

**Iguqulelwe esiXhoseni ngu**
Nontsikelelo Ntusikazi

**Oqinisekise ukulunga kwebali ngu**
Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00734-3

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

2030 NDP

NATIONAL READING COALITION
LET'S GET SOUTH AFRICA READING

NATIONAL EDUCATION COLLABORATION TRUST